UJeb nentombazanana namakhwenkwe amabini baqhubeka bahamba. Baphantsa ukugaxeleka kwinenekazi elihamba nenja.

Inja yoyika kakhulu isakubona uJeb nentombazanana namakhwenkwe amabini, kangangokuba yabaleka.

Kwathatha ixesha elide ukuyibamba. Inenekazi lalishushu kakhulu kwaye licaphuka.

“Ungayithanda itshokholethi?”

Inenekazi lancuma. “Ewe! Ndiyabulela!”

UJeb walinika iqhezu lokugqibela letshokholethi. Wayengenayo yena itshokholethi.

Kodwa abahlobo bona wayenabo!

Itshokholethi kaJeb

Ibhalwe nguLesley Beake • Imizobo nguTamsin Hinrischsen

Izimvo eninokuthetha ngazo

Uthe akwabelana ngetshokoledi yakhe nabanye uJeb, baba ngabahlobo bakhe. Yeyiphi enye indlela ongabe ubenze ngayo abahlobo abatsha? Buthetha ntoni kuwe ubuhlobo?

Yintoni eyenza abantu bazive bengamalolo? Ingaba wake waziva ulilolo?

Umfanekiso

Zoba umfanekiso wakho uziva ulilolo.

Ukufunda

Yiya kwiphetshana lemisetyenzana apha: **https://nalibali.org/story-supplies/activity-sheets**

Bhala inani kwibhokisi nganye ukuze ubeke imifanekiso ngokulandelelana. Fumana umbhalo ohambelana nomfanekiso ngamnye ebalini.

Ukubhala

Bhalela ileta yombulelo umntu owenze umahluko ebomini bakho ngokuba nobubele kuwe.

Ubuchule

Sebenzisa ipleyiti yephepha okanye usike isangqa sekhadibhodi. Kwicala elinye zoba ubuso "bokuziva ulilolo" kwaye kwelinye icala, zoba ubuso "bokuziva wonwabile".

Ukwenza

Sebenzisa imifanekiso enonjolwe ngokuchanekileyo ukulibalisa kwakhona ibali.